

Imvo Zabantsundu


(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, JUNE 26, 1890.

[No. 293



BAKER, BAKER & CO,
EQONCE

BAMEMA bonke abantsundu Belase Maxhoseni, na Pesheya kwe Nciba ukuba beze kubona impahla baho eninzi Isuti ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 11/6. Ibhulukwe ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 4/6. Iminqwazi efudumeleyo itshipu iqalela kwi 2/-.

Ibhatyi ezinkulu ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 12/-.

Iblankete ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 1/-.

Izihlangu, ne Shuzi, Ihempe, Izikafu, nengubo zonke ezifudumeleyo.

Kauze kubona, ukuze uzitengele ezobusika, bungekatwasi.

BAKER, BAKER & CO.
EQONCE

IXESHA LO MCHEBO!
Beauchamp, Booth-Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye. Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye. Ibhatyi zamadoda 5/, 6/9 inye. Ibhatyi ze twidi emnyama 15/, 18 6 inye. Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye. Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2; umnye. Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye. „ „, ezilunge kwayekwa 10/, 12/6, 15\ 18/, 20/inye- Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7 1/2d., 9d. iyadi. I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi. Ikeleko 2 1/2d., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi.

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yokutshata, YONKE Impahla Yokutshata.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.
E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NE
HOREHOUND,

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA INGOELE, nazo zonko Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.
2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa
P. GRAY, Chemist and Druggist,
CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunene,

ROBERT XHOLLA,
Kowie Street.

Graham's Town,
28th June, 1889.

ABAZELWEYO.

TENGO JABAVU. — kwa Tuka, Fort Peddie, ngo 17 June, 1890, u Mrs. J. Tengo Jabavu ubeleke UNYANA. —31710

XHOLLA.—U Mrs. Robert Xhola, e Rini, ngo 18th June ubeleke INTOMBI.
3it10790

IMIBIKO.

MARENTE —Kubhubhe e Burnshill ngo 25th May, 1890, ku??? ukulila kwe Sikula se Sabata n MAKENTE MKANDLWANA, ixego ebelingu mdala we Bandle. Izihlobo mazamkele lombiko.—2it266.

BONISANI.

I 102 Ihamile, ubuninzi zinemisila, zilahleke malunga ne 21st ka April, 1890. Akucacile ukuba besezinegama, zicetyiwe. Igama belingu N.G. ngasekohlo. Indlebe yase kunene yinkonjane ne half-mantyi ngapambili, eyasekohlo yivenklaak ngapantsi; kwane 17 imazi zegusha namadunana ambalwa kuzo, zikwayilencazo yezingenta. Kwaza kulo lonke amapolisa axatise. Ndingowako futi,
BUZANI S. NGOMA.
Hackney, May 27, 1890.—5it26690

Yeyele Ngelomkono.

KUYAZISWA ukuba Ityalike yase Rabe e Monti iya kuvulwa nge CAWA, 13TH JULY, ngo MVULO, ibe Yintlanganisano Yokuposa. Onke Amahlelo ayacelwa ukuba abeko lomini.
REV. W. B. RUBUSANA,
2i3710 Peelton.

ISINALA YENTOMBI E GCUWA.

IHOLIDE ziyakuqala ngolwesi TATU, 18 JUNE; ZESIVULWE kwakona ngolwesi-NE, 24 JULY, 1890.

NJENGOKUBA amanani enziwa Yintsapo ayakubonisa amabanikwe amabhaso nge Kresmesi eyakubhalwa kwamhla savulwa, kuyafuneka Intsapo ifike mhla kuvulwayo. Ukutintela ukudaniswa abazali abanga bangatumele Intsapo mabatumele bazise kwangoku. Ngapandle kwamasebe aziwayo emfundo kufundiswa Ukusika Nokutunga kwentlobo zonke, kwanokupeka nokulungiswa kwengubo. Kuzanyelwa imfezeko entweni zonke, ekuti nakubeni ujongiweyo umteto, kube kujongwe ukuba Intombi zihlale ngokonwaba kwekaya. Kubhalelwa kwi Lady Principal (Inenekazi elongameleyo), okanye ku
REV. W. J. HACKER,
tomdd Butterworth.

DYER & DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Bafikelwa ngamanani amakulu

Empahla Entsha Yobusika Obuzayo.

Kananjalo badwelise

IMPAHLA YAMADODA,

Ezamadoda Isuti ze Twidi ezinzinza 17/6

„ Ibhatyi „ „ 9/
„ Ioundulubhatyi „ „ 3/3
„ Ibhulukwe „ „ 6/

Ibhatyi ne Bhulukwe ze Kodi

(ZAMANANI ONKE.)

INTLOBO EZINTSHA ZETYALI.

Isuti Zetwidi emnyama zamadoda

(ZAMANANI ONKE.)

Iminqwazi, Izandla, Amaqhina, Iblankete, njalo-njalo.

IMPAHLA EZINTSHA NEZIYI FISHINI

(Ngo Stemele bonke.)

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

W. McGLASHAN & CO

(MAGALA),

E-DIKENI

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Brillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,

Zonke Intlobo Zabatshatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa
W. McGLASHAN & CO.,
E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo
IZII IMO zitenowa ngamanani ase Markeni

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHLOWA, UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPILE, Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona, MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni

TUMELA okanye UYE
KO

GILBERT FOX AND SON,
MARKET SQUARE,
KING WILLIAMS TOWN.

ITYALI! ITYALI!

KANGELA:

UKUBA ufuna ITYALI ezisitileyo, nezomeleleyo yiya kwa

GIBBERD & BRYANT,

Ngelixesha batengisa impahla emaxabiso alingeneyo apa edolopini.

Ityali ezinkulu ezimnyama nge 4/. Inye

Izitofu zamanenekazi.

Iprinti ezimanani apantsi zohlobo olutsha. Ilinzi, ezentlobo zonke.

Uhlobo olutsha lwe SETINI EZIMHLOPE, Neveyile Zomtshato, Namagqabi, Neminqwazi, nako konke okunokufunelwa umtshato.

KWA

GIBBERD & BRYANT,

IZAZISO NGE “MVO.”

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlaulela ‘IMVO ZABANTSUNDU’

ukuba intlaulo:—	
Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyanga yokuqala.....	3s.
Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokuqala.....	3s.
.....	6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order funyanwa kwi Post Offices.

Iveki.

AKUKAMISELWA yi Palamente nokuba iyakupeliswa kanye i Ofisi ye Micimbi-Yabantsundu, kudalwe eye Micimbi-Yabalimi endaweni yayo; kodwa imile eyabalimi, kuvakala ukuba yokuakumiswa u Hon. John Laing, M.L.A., omele i Bhofolo, ingabanga nguye yoba ngu Mr. John Frost, M.L.A., omele i Komani.

U MR. W. E. STANFORD Imantyi Enkulu eyongamele ezipetwe e Kokstad, ugqite e Komani ngeveki egqitileyo ukucela e Kapa.

U MR. H. T. TAMPLIN umiselwe ukuba abambele u Mr. A. F. S. Maadorp, Q.C., osapinye iholide kwi ofisi yokutshutshisa (Solicitor-General) amatyala e Rini.

NGOKUTI abantwana bangabi nanina undwebele ukuqonda into abadlala ngazo, ite intwana yomlungu wevenkile wangase Ngoobo enyanga 18 ngeziveki, yazisika ekudlaleni ixeba elikulu ngento ebukali emqaleni eyengeyifile ukuba kungabiko intokazi enengqondo imlalise ngeeqinga lingapumi kakulu igazi de kufike u Dr. Weir ote wayinceeda.

KUVAKALA ukuba izifo zemiqala apa eke yemka nento eninzi yabantu kwelase Free State, sinabantu esibahlanyo e Alicedale ngapaya kwe Rini, ngangokude sivalwe nesikula sabantwana.

NGEVEKI engapaya bati abebekhamba nge treni ngase Bhoobhofolo bagqite kwinto eninzi yonkumbi. Emazibe ziyakude zifike nakweli sininzi?

U REV. J. J. JABAVU ne nkosikazi yake ugqite e Qonce ngolwesi-Hlanu lwegqitileyo ukusinga e Edendale, Natal, apo atunyelwe kona libandla lase Wesile. Bakwle nge Cawa e Monti bafika ngo-Mvulo e Durban.

KUKO itemba lokuba umbuso wama Ngesi nowama Jelimeni uvene ngendawo zokwa. biwa komhlaba kwelipakati e Afrika.

I JELIMENI lase Berlin, linyatelwe yinqwelo emahlezeni nasemzimbeni ngolwesi Hlanu, ngokuti xa lihla ngedeselbom lityibilike ; licolwe life isiduli.

IXABISO le kofu kumazwe apesheya kutiwa linyuke 5/6 ngekulu.

ALIQELA ama India azibuleleyo kumandla oyi Victoria County, Natal, amatatu azibulele ngevaki nye, ababini ngumfazi nendoda.

ISHILALO esize sobumantyi base Burghersdorp ngenx’enokubhubha kuka Mr. van Breda, siuikwe u Mr. W. W. Waskwe obeyimantyi e Clanwilliam, indawo yake inikwe u Mr. H. M. Edey obesand’ ukumiselwa kubumantyi base Middelburg.

NGASE Herschel kuxelwa ezamacebetshu asinde kuwo u Rev. W. Hurt wase Benson, vale, ngokusuka kutukululeke ingxowa zesali ekwlele chasheni ebeye e Barkly East, sake lotuke libaleke ihashe zijube xa lilunge nesiwana, lime kanti kusinda kwake. U Rev. G. Weaver obekwahamba naye, yena limwisile elake wakutuka indawo ezitile washukumiseka kakulu umzimba, kubonakele egodukile.

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

“kukuba abantu abamnyama bazinyulele amadoda abawatembayo, “ ayakuti anike ingxelo ezizizo “ ngento ezihambisekayo, abeluncedo nangezinye indlela.” Silincoma kunene elibakala litatyatwe ngumzi wase Bhai. Libe lingaluncedo lihanjiswa nakweminye imizi yamawetu esuke ngoku yatyikityeliswa ngo Nobhala apa abangafunwa bani abangavelani nenxwaleko zabantsundu. Lenqubo yokubatamba abantu ibingabanga ukuba bazipate ngokwabo ngapandle kwendleko le ikoyo ngoku ngetuba lo Nobhala.

ABANTU NGABANTU .

I BHAYI NE TINARA.—Ndifuna ukwalata indawo ukubalana kwakobini nokuketiweyo ngalemizi. Kuko konke, konkena ukuswela kwenu ingqondo enye ubutyakala betu busitantisile kwintsunguzi yobudenge, sada sakwisimo sokuxelela izilumko zase Tinara into ebezingayazi, enokufunyanwa kwincwadi yam yokuqala. Ilizwe malikete, lingqine lize lalalise. Kungummangaliso kanti noko kuyanisekile ukuti abadlali abantsundu base Tinara bafuze abelungu babo ngenkani eboleni. Kwaka kwaqubisana abamhlope balemizi ingentla e Tinara. I-Tinara lenza ucuku olubi xa umqa ujiyayo. Lonto yaya kukululwa zindlali zaphesheyo ko lwandle e England. Velani magqira ebola nilaule lenkani, kulungilena ukudlala ibola ngomteto ofileyo, uze nyekwe omiyo?—XAKALASHE.

ISHIHEGU E QITSI.—Apa Nkosi kuhle isimanga ukubalana kwaba fazi, u Mrs. Sarah Ntlantsana obulelwe ngu Mrs. Samuel Danise, bobabini aba bafazi ngabase sikolweni amaramentekazi, ngokusuke ati lo ungu Sarah Ntlantsana kanti urexeza nendoda yalo ungu Annie Danise (Mrs. Samuel Danise) ekute ngo Mgqibelo ngokuhlwa, 14th June, 1890, wanduluka u Mrs. Danise waya endlinwi ka Mrs. Ntlantsana epete umkonto ne nduku. Wafika wabuzza ngendoda yake (Danise), wati omnye andazani nayo. Waselebeta ngentonga, wamhlaba ngomkonto wahlula itambo le ngqosha nentambo waqengqa pantsi wakuwela pandle ebaleni lendlu yake u Mrs. Ntlantsana lowo kwaba kuyapela, wafa. Usetolongweni apa e Ngcobo lowo ungu Annie Danise. Fanele ukuba uya kulindela i Jaji. Lentokazi ingu Sarah Ntlantsana ibingasena ndoda yona, indoda yayo yabhubha. Bobabini ababafazi ngabase Qitsi, kumandla wase Ngcobo.—H. S. M.

ENGQAMAKWE—Bendihambele pesheya kwe Neiba, e Ngqamakwe, ndabona apo isifo esibi betu, sakubagqiba abantu ukubehla bafe, ilazarose, kwesika Peter Mlandu, kwesika Mfenyana. Bayadibana abantu abafayo nabapilileyo. ngokuba bahlala emakaya bonke abahlulwanga bagxotwe abafayo. Kutenina ukuba lento ingaziswa ku mantyi, baze bakelwe umzi wabo bodwa, ukunceda abanye bangahlangani, ngokuba boti bakusila utywala abafayo baye abapilileyo basele bonke. Sakwanda msinya esisifo. Nantsi enye into embi kona, abakweta bahamba ezindleleni, kanti umteto pesheya kwe Neiba uti, umkweta angahambi ezindleleni ezihamba abantu ezivenkileni, ezikolweni, hai, bahlale kupela ehlantini, apo likona isutu labo kupela, ukuba bahambile kwezindawo babanjwe. Ndiyakolwa ukuba lemantyi ikoyo ngoku ezizinto ayizazi, ngokuba iyimantyi etanda ukuba abantu bahambele pambili ekukanyeni nasekuqondeni izinto. Lemantyi izama ukuba inkosi zenze ikomiti yezinto zokanyo i garden, ingxande, iziko, indlela, kwakiwe ngengcingo umzi. Ndim.—NDIVE INTO-EMBI.

PANTSI KOLUNDI.—Ummuzana obhala Ezinuke ngo 10 June, uti Ndiya wazisa mmumzetu into esihleleyo apa. Imiteto ka Rulumente uti masingadli ngokuba kutiwa masilahle utywala bakowetu; kutiwa masingatezi nenkuni, singagauli nezinti; kutiwa siyatenwa tina zinkosi, kubekwa izibonda, — isimanga sento ekufumane kwati kuti ngu-tu. Sendingati ukususela kwimbizo yase Matatiele kude kube kule kumntu wonke ontundu linye; kubuzwa isizatu kumhlekezazi sento esiyonileyo ukuze sibulawe kangaka ngalemiteto, sibuzo ukuba kutiwanina kumhlekezazi ukukonzwa kwake njengokuba esiti uyasitena nje, umntu angatinina ukumkonza., ngokuba siwenze wonke umteto ka Rulumente, akuko siwushiyileyo. Nalo mteto mkulu siwenzile ku Rulumente, wokuba sizibulale izihlobo zetu ezimvukelayo, Omakhosha naba Tembu nama Mpomdonele nama Qheya, sada sabulala nomyneni wakowetu u Morosi, udade wetu umngumhlokokazi nditeta nje. Ingaba inkosi kukubulela kwayona ukusitena. Asiyamkeli lemitemo mantyi, yipindisele kumhlekezazi. Utshilo ke umhlambi wase Matatiele nowase Mount Fletcher. Enye into kutiwa masisikelwe yimantyi amasimi, neziza zezindlu zisikwe yimantyi. Enye into kutiwa masingabisateta nentwana yetyala emizini yetu. Ke mpakati we Nkosazana siyaceela kuwe ukuba uke usivuse kulento. Lomazwi ke nkosi atetwa ngu Mhlubi, ngu Msutu, ngum Tembu okwesitili, bati nkosi bhalela u Jabavu asivele lento, hileze abe nelokusivusa, kuba tina sikohliwe ngulomteto wanamhla. Lifle mmumzetu apa, bebabini bateta lento, emnye bebatafu bateta kwalento, bati ukuba u Rulumente uyateta. makagxote amanzi ashushu, utywala bomlungu bupume kanye buwelele pesheya kolwandle, obetu tina siti yimali yetu, ngokuba unantsi uyabenza ameme abantu ngabo bazekumnceada, apumelele nosiqwala okanye nofayo, uti xa angasenakufaka nento enjengokudla, akakazwe ngabo, kanti uyapumelela ngabo, xa angasabufaki sincame. Elokupela mmuzzana, uze upulapule, ubeke indlebe kwezibhalwa ngamagawanga ngokuba wona azakubhala nezamagezana awati wona makufiwe, ewe, wona atitelle kanye.—Oh ! mandipele.

UYAKIWA kunene umzana wase Vryburg, kwela Barolong. Kubonwa ulolwe esondela.

IKERIKE ENTSHA—ENGCOBO.

Indlu enkulu yamatye eyakelwe Ilizwi kwisikolo sase Nyanga (All Saints’) yanikelwa ku Tixo ngu Right Rev. Bishop Key, ngolwesi Tatu, 11 June. Abafundisi ababeko ngo Rev. John Gordon wase Qonce, Rev. Canon Waters, Rev. E. L. Coakes, Rev. W. Y. Stead, nabanye abafundisi beletu ibala. Ngentasasa (8 a m.) kubeko Umtendeleko Ongcwele, owonganyelwe ngu Rev. J. Gordon ngokucelwa ngu Bishop. Eminni, 10 a.m., igalwe ngu Bishop inkonzo yokunikela Ikerike. Kubeko ungcebmo olude luquke u Bishop, Abafundisi abamhlope nabebala, Abashumayeli (Catechists) ne Titshala, abavumi, amadoda namakwenkwana, abamane ukusijikela isakivo.

eso singcwele bevuma Indumiso ya xxiv, baza bati bakude bangene ekirikeni balandelwa yintlanganiso eku 300 yama Kristu ebala, kuko ngabanye kwabamhlope neqela elinobom labahedeni.

Ite yonke inkonzo yave ndimasekileyo. Imvumo, ebevyonganyelwe ngu Mrs. Waters eluhadini, ibe yeyole kwapela. Kushumayele u Rev. J. Gordon. Elinene lawuqala umsebenzi wobufundisi lise yingetyengetyana apo e All Saints’, emakube kuye kube yinto ete-ngo emxhelweni ukubona ukwanda nokusikeleleka korsebenzi awawuqala ngeminyaka emashumi matatu eyagqitayo, pakati kwengxakeko abangambalwa ababe ngajongana nazo. Wonke lomandla ngoku uzaliswe yimizana yama Kristu antsendu, kanti ukuwuqala kwake umsebenzi kwaye kungeko nelokubika igqoboka, kunjalo nje lilele mfazwe. Amazwi ka Mr. Gordon abesekwe kwi vangelana ka Yohane ii, 19: *Yichiteni letempile, ndiya kuyivusa ngentsuku ezintatu.* Yaqutywa nge Sixhosa intshumayelo ekubonakala ukuba akakasilibali umshumaveli, yapulwapulwa ngenyameko. Kubeko amazwi abhekiselele Kukutsha kweyangapambili ikerike, nokuti shwaka kwabasebenzi ngamatuba okufa, nemfuduka; kodwa umsebenzi—umsebenzi ka Tixo—useloko uhamba; ezinye irementle, abanye abasebenzi bamana bevuswa. Ayisakubehle ilityalwe intshumayelo ngabayivayo. Igqityiwe lenkonzo kubeko intlanganisano yoluntu, yonganyelwe ngu Mr. A. H. Stanford, Imantyi, ote wayipata kakuhle kunene. Inteto zenziwe ngu Mhlangangambili, ngu Bishop, ngu Mr. Gordon, Dr. Weir, Igqira lomandla lowo, nabanye. Kwaye kuzanywa ityala le Kerike elikwi £160. Into evuyisayo kukuba likwelelwise ityala elo ngapambi kokupela kwentlanganisano ; imali eyayirolwa yayikolise ngokuba pakati kwe 5s. ne £5, ngapandle kwempahla emfutshane nenkomo. U Rev. Canon Waters, umfundisi wakona, makabe watomalala kunene, kwangokunjalo u Rev. John Gordon owaye ngu Mfundisi ngenx’ engapambili. Ngolwesi Ne kusasa kubeko enye intlanganisano enkulu. Kwamkelwa 80 abaguquki ebuhedneni ngu Bishop, kwaniwka Umtendeleko Ongcwele kubantu bebala abangapezu kwekulu bevela kwizipaluka ezimele u Kalolwenyanga. Singasuka siqoshelise ngamazwi awayiqqiba ngawo intshumayelo yake u Mr. Gordon, “Hai, okwenzive ngu Tixo.”

Inkosi yama Qwati u Dalalise ubeko naye, wati ukuqondisa ukuvumelana kwake nosomebenzi warola inkabi yenkomo.

ISINALA YENTOMBI—ENCEMERA.

Sicelwa ngumtinjana ofunda kulomzi udumileyo wemfundo yentombi ukuba sihlokomise okwenzeka kona ngeveki egqitileyo. Intsapo efundiswa nedayfundiswa ngu Miss Sturrock, ite pakati kwenkatozo akuzo yacinga ngokuba yenze into engati ibe yintlantzi yotutuzelo ; yagqiba kwelokumnika lbhaso ngoihlha enyakeni ekukunjuzwa ukufika kwake e Africa. Ezincwadi zilandelayo zibonisa ngokungapezulu umcamango wentombi.—

Peelton, June 17, 1890.

Miss E. W. H. Sturrock, Shaftesbury Home.

MA WETU OSITANDA KUNENE.—Tina zintombi zako ezabe nezisepantsi kwesintunzi sokuqeqesha kwako, okwezimilo nokompefumlo, site saba nokukutengela esisipo sincinane, esingaba singavinto ebandakanya tina nawe, ukukumbula umhla we 4 January, 1864, owalubeka ngawo unyawo kweli lase South Africa utwelwe ukusuka kwelakowenu ukuza kwelasesemzini, yinto enye owawuyiyongile ukupilela, ufele (ukuba kufuneka utile) emigudwini yokwenza ama Kristu nokuhlambulula izizwe zebala letu. *

Lento siti sisipo, ayilifanele nelogama. Siziva njengabantu abaposa itontsi empanjeni ozele ngamanzi, sakukumbula okwenzileyo, nosakwenzayo, ukwenzela intombi ezimnyama zase Africa. Ute ke wazifumanela igama lokuba ngu—Ma, kuye wonke oke wapantsi kokucwela nguwe, kuba sizive singena kukubi zangagama limbi ngapandle kweli lokuba ngu Ma. Ke Ma, yamkela isipo setu nakubeni singeluto, sona singumqondiso wokukutobela kwetu, nokuxabisa kwetu ose ukufezile, nosalinga ukukwenzela tina. Makube bubungwana pakati kwako nabantwana ote wazama ukubapakamisa ubancedisa ukuba balungele indawo zabo elizweni: abanye balele ukufa ku Yesu. Besiba sokunika oku nyakvene, kodwa samana sixakelwa. Sivambulela Umenzeleli kuba ete pakati kokulingwa konke kwako, ngexesha eligqitileyo nangoku, useloko uvinto owawuyilo kuti ngo 4 January, 1864, imini eyakuhlala ihleli emikumbulweni yetu Sililangazelela ngomtandazo itamsnqa lika Tixo pezu kwako notandawo udade wetu u Miss Lizzie. Sikolelwe, Ma, ukuba.

SINGABANTWANA BAKO ABAZELE NGUMBULELO.

P.S.—Njengokuba besinga esisipo singasesi insulwa, akuko zintombi zile zavunyelwa ukuba zifake isandla kulomqondiso wotando ezite zanamagama acatshazelweyo yinkohlakalo, umhlaambi zabonisa intswelam’bulelo ngezzenzo ngenxeneko zacwenzelwayo zititshala zetu.

Native Girls’ Institution, June 17th, 1890.

ZINTOMBI ZAM EZITANDWAYO.—Ndibona apa amagama entombi zemini zakudala ezitshatileyo zakwindawo ngendawo zeli lizwe ; amagama abanye abafundisa kwizipaluka ngezizpaluka pakati kwentombi zelizwe lakowazo; amagama ezinye ezisemisebenzini yokuqeshwa; namaga-

[JUNE 26, 1890.

ma abaninzi abakoyo namhla. Esi sipo siqubisana namehlo am angalasisweyo, ngoko siya kuba sesinqabileyo kunene kum, kuba siko ngokutumkelela kwenu, saye sibe singalindelwe ndim. Umbulelo wenu emivuvakalisa encwadini yenu ungogqitileyo ngobuxabiso kum, waye undizalisa ngokalipo ukuba ndizeke amandla ukuba ndilinge ngokungapezulu ukunyusa intombi zase Africa, ibonisa kwakona ukuba utando nembeke yabo abapumelele kweli kaya letu nesikula, nabasekoyo, luhleli lunyanisile, lwaye lusalata ubuxoki bezinto ezibange inkatazo ezisand’ ukusihlela.

Kufuti nimana ukundiva ndisiti kuyinto esulungekileyo ukufa, kodwa kuyinto esulungeke ngapezulu ukupila. Ndiyakunga ukuba ngokuhlala impilo yokuzola nokunyaniseka, ningamana nanako ukwenza okukulu pakati kwamankazana akowenu, ukwapula amasiko amandala obuhedeni, nokugxotisa intsalela zabo pakati kwenu. Eyona nto kulindelwe yona ngabahlobo benu abamhlope enipakati kwabo, kwangokunjalo abanganikateleyo nabahedeni abapakati kwenu, sisiqamo sokubupila ubom, ingeyiyo imbonakala nje ye Bhaibhile mhlambuni imfundo yencwadi.

Nokhumbula ngokunye ukuvalwa kwe sikula, iminyaka elishumi eyagqitayo ngoku, ekupeleni kuka 1879, xa bonke abazali benu, nemxenye yamadikoni ebandla ayeko, kwakuko ubuqelana bentombi ezaye zipuma ukayakufundisa ezinye zisiya emisebenzini—watika u Mr. Harper, owayengomnye wabatetayo wanika ubunqhina obomeleleyo ngelelxa ukungabinakulibaleka korsebenzi pakati kwenu zintombi, wati eyona nto ayibuka nangapezu kwezinye kulomsebenzi kukuba kusebenza kwaye intliziyi nentloko nezandla. Zintombi emakayeni enu njengentombi zabantu nodade nabafazi, zingisani ekunyaniseni. Zintombi njengabancedisi ezikuleni, makube yinto ezanywa nini ukuba nizitimbe intliziyi zentsapo nizitimbele u Kristu, ukuze intloko nezandla zisebenze ngobulumko. Zintombi engxeshweni ziqeliseni ukuba nitembeke ekukangeleni kwabo bonke, ninyaniseke kubelungukazi benu, ninyaniseke kwiziqu zenu ngokubetla kude enkohlakalweni, ninyaniseke ku Msimdisi enfundiswe ngaye. Nina zintombi zisenati zamani ukunika im ???- mbelel kwabanje ukuze kuti lakupela ixesha lekuhlwayela isivuno saba bonke sibe bubom bakapade obuyakunikwa ngulowo benimkonza emhlabeni.—owenu wenene.

E. W. H. STURROCK.

Ibala Labadlali

Abadlali base Australia bayigale i match yabo yokuqala ngo 10 ku May e England ne XI ka Lord Sheffield ; pakati kwayo bekuko ezona ndlali zase England ezinye ngo Dr. Grace (champion bat), W. W. Read, Shrewsbury Peel, (Lohman (England’s best bowler), Briggs (ingwe yamadoda elilizwe, ngokukodwa amaqakamba alapa), njalo-njalo. Kodwa siyaqonda ukuba lo Briggs ukwa yingwe nakowabo, kuba ezona wickets zininzi zatatyatwa nguye. Abase Australia benza 191, abase England 27 ne 130 ; badliwa nge innings ne 34 runs. Abafanyana ababini base Australia u Turner no Ferris, ababe waxakile ama Ngesi ngakomnye, babuye bawenza amayilo nangale match. Soka siqonde ekuqubeni kwezi match.

Ubusika bungene ngqongqo. Abatandi be cricket Havana bento embi eyaviwa ngu Hili wase Mambalwini. ” Besiba kuyakutiqna i praktise ye Tennis, kuloko sibona ukuba abadesipile bebhola abana kwincinane. Kungenwe ngoku ekudlalweni nge Migqibelo i cricket matches ezipakati kwabatshatileyo nabangatsatanga sisho ukubahlula. Abelungu bona kuzo zonke i match zabo ezoluhlobo abati, married v. unmarried, bati married v. single.

Asivazi into ayilumkeleleyo amagwanga ngokutsho, ngapandle kokuba ibe yinto yokuba amadoda angatsatanga asituti ngangamasoka. Njengesi match zetu kwelicala labangatsatanga kuko amadoda ange *single* esingaziyo nokuba ngumqala sinina— nangayipina ke indlela awadlela indlala lamadoda atshatileyo.

Zintatu esezidlalwe i matsh. Eyokuqala oyiswa amadoda atshatileyo, eyesibini yayi dra engakula atshatileyo, eyesitatu adliwa angatsatanga (noko ange *single* onke).

No 1 no !! no !! !! Let’s have married versus single, and those who are neither married nor single to play for the married (for very good reasons) or not to play at all because they are neither the one nor the other.

Asizanga sive nto nge match eyayi pakati kwe Rini ne “Fear Not” yase Bhai, eyayise Bhai nge Easter.

Um’bhaleli ose Tinara ote ngempambano ye “Try Again” yase Tinara ne “Ethiopian” yase Bhayi, usitelwe yindawe engamandla yokuba umteto ekudlalwa ngawo i cricket kwelo neli ixesha waungayivumeli i “Try Again,” akuko nto ingatetelelwa ngayo zekusolwe i “ Tiyopiya ” igwetylelwe nje mhlope. Nase lugsqatsweni ateta nyalu kwo imiteto abaleka ngayo amahashe. Ihashe elingapandle kwalo miteto likutshelwa ngapandle ligoduke ukuba uyatanda, kubaleke asemetweni. Inteto engapezulu ibonisa ngakumbi ukuba i Tinara lidlala into elingayaziyo. Owase Tinara yena ngeleyakuhlala elutwtwini ambate ezintlakantlaka,—azimisele ukuba emveni koku ukayuyifuna indlela, abambelele enyanisweni. Gqibi-ke.

Asikayiva ingxoxo eyenziwayo nge circular eyatunyelwa zi cricket zase Kimberley kuzo zonke ingqili ezinkulu zebhola. Singatanda ukuziva. Mhlaumbi e Bhayi kungaxaka kule season izayo, kuba kulindleleke ukuba kudlale amapeshya kwakona, engati imihlaba ingabi nakufunyanwa kakuhle. Kanjako nononelelo lungabinakubako kakuhle kwabantsundu kuko amapeshya. Apa e Qonce akubonakali ukuba kungako nto kwabamhlope kwelo kala, kuba ngati nentwana ye cricket eyayiko yase yibulawa ngu Major Warton. Xa kungeko nto ke kubo, bangayixhasa eyabantsundu kakulu.

INTLANGANISO.

UMZI Ontundu okwi Siqingata sase Qonce, e Monti, e Cumakala, e Dikeni nase Ngqushwa uyamenywa ukuba ubeko kwi Ntlanganiso eyoba se Mgqwakwebo nge 9TH JULY, 1890, ukukangelela ukusekwa nokuvilwa kwe Ngungqutela Yabantsundu. J. TUNYISWA, Umbhali no Mmemi, Mount Coke.

Kutengiswa

Busulu:

IKULU LESALI

EZINGONOXESHA.

Kaulezani Ukuza,

Ukuba nifuna

Isali Ezitshipu,

Ezibe zizezapolisa,

Ezomeleleyo-ke ngoko.

KWA

W. O. CARTER & CO.

EQONCE.

KWI VENKILE

YO KATA,

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcinile apa e.Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe Marike.

R. T. NUKUNA & CO.,
Calderwood Street, Queenstown.

Ukuvulwa kwe Tyarike Elufuta.

INKONZO Zokuvulwa kwe Tyalike yase Lufuta zoqalwa nge CAWE, nge 6th JULY, 1890, ngu Rev. J. M. DWANE. MANKAI RENQA, Circuit Steward. 2it266

IZIKOLO.

ISIKOLO se Ntombi sase Mgwali siya' kuvulwa ngo 14TH JULY. 2it3790 M. W. HOPE.

I-SHAFTESBURY HOME, ne SIKOLO SENTOMBI e NCEMERA siyakuwulwa ngo 25TH JULY, 1890. 2it3790 E. H. STURROCK.

ISAZISO.

NDAZISA izihlobo zetu ukuba i " Family name " yetu ibingabizwa njengoko injalo, nokuba xa zindibhalelayo mazenje-nje: REV. J. J. XABA, endaweni ka REV. JOHN JAMES, 8. John's Mission, Umtata. —51317

Kwabahamba Ngendlela.

KWI Fama yam ese Mgqwakwebe, kufupi nesikolo sakwa Mdingi, indlela yenyawo ndiya kuyijika, njengokuba ndiyi. biyela ngocingo. Isango ndiya kulenza kwenye indawo. Umntu maze avule amehlo, aze angenzakali. Ndim, MARTINUS J. POSWA.

Entsikizini, 24th June, 1890.—3it0790

KO-TITSHALA.

KWISIKOLO sase Osborn, (e Tshungwa. na), kufunwa utitshala oyintloko. Umvuzo olungileyo uyakunikwa kumfo ofanelekileyo. Abafuna londawa botumela, bexela nobungqina ngokuwazi umsebenzi, nangezimilo ku Rev. R MATTEBSON, Osborn, Mount Frere, East Griqualand.

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu].

GRAHAM'STOWN

Saneke Ityali ezitshipu kanye. ifishini ezona zintsha ziqala kwi 3/- inye. Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2 ½ d. yd. Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 ¾ d. yd- Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 ½ d., ne 6d. yd Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye. Iblanket zoboya ziqala 5/- inye. Amabhayi 2/- liiinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England. INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye. IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye. IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye. IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye. ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi "Mvo" maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (£1.), uyakubuye ayinikwe isiheleni ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

GRAHAM'STOWN

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

V. DOLD AND CO.,

E KOKSTAD,

BATENGA yonke into NGEMPAHLA nange CASH. Banempahla eninzi, enoncedo, e TSHIPU.

Pambi kokuba utenge kwezinye indawo kawuye kuvela kwa V. DOLD & CO.

Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuhle.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

COOK Iyeza Lokukhohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile. Elika

COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK Iphills. 1/ ngebokisana.

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

COOK Oka Umgutyanu Wamehlo. 6d ngebotile. Oka

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

COOK Niqondise ukuba igama ngu uba ngawenkohliso angenalo igama lake

Kwi Waggon-Makers Ezintsundu.

ABELISHISHINI ababhalele kogama lingezantsi banokufumana umsebenzi ote qo, kwanomvuzo olungileyo. Maba-ngadendi kuba kuko indawo ezintatu esezivulekele abasebenzi. S. D. SNOOKE.

AMAYEZA

ADUME KUNENE

JESSE SHAW (U-Nogqala), E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona ; ngenxa yoku kauleza uku nceda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucekoka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPLISI WENENE (The Sure Cure). Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific). Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu inkatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum). Umciza ongenzi xesha ukupilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture). Elingoyiswayo zingqangambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.) Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient). Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, licesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation). Amafuta omi okupilisa ukuqagamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother). Amafuta omi okupilisa ukutsha. ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb). Incindi yoku gedla iziswana ezikatazayo zentsana, nesabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic). Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA

(Indian Tonic). Iyeza elilunge kunene kwisifo sokuba butataka, nokungandi nge iviwayo. UBUGQI Magic Healer). IBUGQISA (Emohentine). Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubuhle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder). Lisetyenziswa neli kutiwa "Lelona" xa isifo sokunamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhofilana nezitofilana ngazinye, eziti zakulandela ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko. kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esirweqe sokulumkela okungekhehi.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemciza, e Bhofolo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa aké kwi nkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA— E Qonce—Dyer A Dyer, Malcomess & Co. D Drummond & Co. E Ngqamkwe—Mrs. Savage. E Monti—B. G. Lennon & Co. E Rini—E. Wells. E Dikeni—R. Stocks. E Komani—Mager & Marsh. E Bhayi—B. G. Lennon & Co. E Ngqushwa—W. A. Young. E q. Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

ELIKA

ORSMOND

IYEZA ELIKULU

Yincindi yengcambu zemiti yelilizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipi na indlela ezinjenge Hashe, izifo ezinje Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka Intswela butongo, Ubutataka bengqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo. njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi- Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide selenamava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanele Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi ngqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intuku ezilishumi. Ibhofile nganye ihamba nencwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiaelwa umninilo kupela ngu

G. E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

UNYAMEKO KWA BAMNYAMA

UKUTETELA Amatyalu, Imicimbi Yemihlaba, Ukubhala Iminqopiso lwe. nziwa ngo

HOWARD & WEBB,

Emva kwe Zitola zo BAKER, BAKER & CO.

E-QONCE.

UMZI ONTSUNDU

Onga Unganqhina

EYONA NDLU ITSHIPU

EQONCE,

MAUYE KO

A.J.CROSS & CO

OMTEKETISO INGU

TIKOLOSHE.

Asoyiki-nto wobuya ungarani.

BATENGISA NGENTO

Kwigumbi le Malike elilunge netyalike Yabantsundu base Wesile.

A. J. Cross & Co.

Kingwilliamstown.

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka JUNE.

—IXESHA LOKUTYALA—

Ezintlobo zingezantsi selfikile, ezi- zezi:—

Iziqamo, Idiliya, Fruit Shrubs, Rose Plants, nayo yonke imiti evutuka Ekwindla, Rhubarb Roots, Horse Radish Roots, Izityalo Zama- quntube.

OLUKA GOWIE

ULUHLU LWEZIQAMO NE ROSE

ZELIXESHA

Zinokufunyanwa ngokutumela kuhn

W. & C. GOWIE,

Abarwebi Ngembewu Nezityalo,

BANTSUNDU

Bantsundu! Bantsundu

NALI iculo lika " Folokoco " lingelilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa Lilo eli :—

Kuko Venkile apa e King, Kekalok' impahla yayo Ikup' ezezinye everything, Kumbulani Ivenkile leyo. Umniniyo utiywe ngamakosikazi, Ngapandle komtekiselo, Ngu Folokoco.—Manenekazi Yizani ninqwenise iliso. Ityal' ezetu zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa,— Amanene, namanenekazi S'true, intengo yetu iyodwa. Ibhayti, ihempe, nemiqwa, Nebbulukwe ezisikiweyo,— Zonk' impahla zamaledikazi Ngenene zezifanelekileyo. Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa zihlobo zetu Kude kube ngu napakade Nitenga kweya kowetu.

Ningayilibali indawo ekuyo Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe

Scotch Church, King Williamstown.

Printed for the Proprietor, J. TENGO-JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown.